Isalathiso: 2017-0110-7130
13/1/1/2

Imibuzo: W Mercuur

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCF 0001/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso, kuBaphathi bezeNgcaciso, uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze*IMG*, kuBaququzeleli boVavanyo, kuBacebisi ngezeKharityhulam, kwiiNqununu nakootitshala beelwimi bezikolo eziphakamileyo

Isihloko: **Ukuqaliswa kokufundwa koncwadi olumiselweyo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*) (*NSC*)) seBakala 12 lwazo zonke iilwimi kwiimviwo zika-Oktobha/Novemba 2017 neemviwo zangoFebruwari/Matshi 2018**

1. Le ingcaciso emfutshane ichaphazela ukuqaliswa kokufundwa koncwadi olumiselweyo lweemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*) (*NSC*)) zeBakala 12 zango-Oktobha/Novemba 2017 kunye neemviwo zangoFebruwari/Matshi 2018 mayifundwe kunye neSetyhula S4 ka-2008 yowe-08 Meyi 2008; iSetyhula S13 ka-2013 yowe-02 Disemba 2013; iSetyhula S15 ka-2014 yowe-12 Novemba 2014 kwakunye neSetyhula S4 2016 yowe-28 Oktobha 2016.

2. Emva kokukhutshwa kwekhathalogu yokuqala i-*Grade 10-12 Literature Catalogue* ngo-2015, kwaye kwaqatshelwa ukuba ezinye iilwimi azinazo iimathiriyeli zokufunda ezintsha kuzo zonke iintlobo zoncwadi njengoko kufunekayo. I-*DBE* yaqalisa emva koko ngenkqubo yokuskrina eqhubeke ngo-2016, ngenjongo yokuvala izikhewu. Nakuba kunjalo, inkqubo yokuskrina ka-2016 ibingekabi nako ukuqwalasela iimathiriyeli ezifanelekileyo zokuvala izikhewu njengoko injongo yayikukwenjenjalo kwasekuqaleni.

3. Emva kokuthetha-thethana nabo bonke abathathi-nxaxheba, nangesizathu sokuba kungekho mathiriyeli zintsha kwezinye zezihloko ezifunekayo, iSebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (*Department of Basic Education*) (*DBE*)) ligqibe ekubeni limisele la manyathelo exesha lenguqu alandelayo:

IiLwimi zeNkobe zaseBurhulumenteni (*Home Languages*) (*HL*) kunye neeLwimi zokuQala ezoNgezelelweyo (*First Additional Languages*) (*FAL*))

a) Kwimeko apho i-*Literature Catalogue* ka-2015 inika uluhlu olupheleleyo lohlobo loncwadi oluthile, izihloko ezitsha ziya kuqalisa ukusetyenziswa ngo-2017 njengoko kucwangcisiweyo. Umzekelo, uLwimi lweeNkobe lwesiNgesi (*English Home Language*) lunoluhlu olupheleleyo lweenoveli ezimbini ezintsha (eziphantsi kodidi lwe-*classic* kunye nodidi lwe-*contemporary*). Oku kuthetha ukuba kuya kufundwa iinoveli zibe mbini ezintsha ngo-2017, yaye kusetwe kuzo iphepha lemibuzo loncwadi kuviwo luka-Oktobha/Novemba 2017 nakwiphepha lemibuzo loncwadi kuviwo lukaFebruwari/Matshi lwe*NSC* ngo-2018.
b) Kwimeko apho i-*Literature Catalogue* ka-2015 inganiki luhlu lupheleleyo lwezihloko kuhlobo loncwadi oluthile, izihloko ezingekhoyo makufakwe endaweni yazo izihloko ezisuka kwiSetyhula S4 ka-2008. Umzekelo, kwimeko yoLwimi lweeNkobe makufakwe idrama ibe nye kuphela endaweni yezimbini, abafundi baya kukhetha phakathi kokufunda idrama entsha okanye bakhethe ibe nye esuka kuluhlu olucatshulwe kwiSetyhula S4 ka-2008.
c) Kwimeko apho kungekho zihloko zitsha zikhoyo zohlobo loncwadi oluthile kwi-*Literature Catalogue* ka-2015, izihloko ezicatshulwe kwiSetyhula S4 ka-2008, ziya kufundwa yaye zivavanywe kwiimviwo ze*NSC* zikaOktobha/Novemba 2017 nakwiimviwo ze*NSC* zangoFebruwari/Matshi 2018.

4. Kubaluleke kakhulu ukuqaphela ukuba kumiselwe isihobe (*poetry anthology*) soLwimi lweeNkobe kunye nesoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ngalunye. Ukuba inqanaba lolwimi olo lunengqokelela entsha (*new anthology*) yemibongo, iphepha lemibuzo loviwo lwe*NSC* luka-Oktobha/Novemba 2017 nangoFebruwari/Matshi 2018 luya kuqulatha imibongo ekhethwe isuka kwingqokelela yesihobe entsha.

5. Ngokufanayo, kwimeko apho i-*Literature Catalogue* ka-2015 inganiki ngqokelela zemibongo ezintsha, umzekelo, i-*FAL* yesiZulu, neyingqokelela ecatshulwe kwiSetyhula S4 ka-2008, iya kufundwa yaye ivavanywe kwiimviwo ze*NSC* zika-Oktobha/Novemba 2017 nakwiimviwo zangoFebruwari/Matshi 2018.

6. Ngokufanayo nakwisihobe, inye kuphela ingqokelela yamabalana amafutshane emiselwe uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo lwaseburhulumenteni. Ukuba inqanaba lolwimi olo inengqokelela entsha, iimviwo zika-Oktobha/Novemba 2017 neemviwo zangoFebruwari/Matshi ziya kusetwa kumabalana amafutshane akhethwe kwi-*Literature Catalogue* ka-2015.

7. Kwimeko apho i-*Literature Catalogue* ka-2015 inganiki ngqokelela yamabalana amafutshane, umzekelo, i-*FAL* yesiXhosa, eyingqokelela ecatshulwe kwiSetyhula S4 ka-2008, iya kufundwa yaye ivavanywe kwiimviwo ze*NSC* zika-Oktobha/Novemba 2017 nakwiimviwo zangoFebruwari/Matshi 2018.

8. Isikhokelo esinikwe kwiSetyhula S15 ka-2014 ngokuphathelele kuNcwadi lweMveli (*Folklore*) (eyesithoba i-*HL* yaseburhulumenteni yoLwimi lwesiNtu) sisasebenza kwiimviwo ze*NSC* zika-Oktobha/Novemba 2017 nakwiimviwo zangoFebruwari/Matshi 2018.

9. Fumana apha kuqhotyoshelwe **isiHlomelo A (ikhasi 1-5)** uluhlu lwezihloko zeeNoveli eziya kufundwa ngo-2017 kuLwimi lweeNkobe lwaseburhulumenteni nakuLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ngalunye.

10. **IsiHlomelo B (ikhasi 6-10)** siqulathe uluhlu lwezihloko zeDrama eziya kufundwa ngo-2017 kuLwimi lweeNkobe lwaseburhulumenteni nakuLwimi lokuQala oloNgezelelweyo.

11. **IsiHlomelo C (ikhasi 11-23)** siqulathe uluhlu lwezihloko zemiBongo eya kufundwa ngo-2017 kuLwimi lweeNkobe lwaseburhulumenteni nakuLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ngalunye.

12. **IsiHlomelo D (ikhasi 24-30)** siqulathe uluhlu lwezihloko zamaBalana amaFutshane eziya kufundwa ngo-2017 kuLwimi lweeNkobe lwaseburhulumenteni nakuLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ngalunye.

13. **IsiHlomelo E (ikhasi 31-40)** sidwelisa izihloko zoNcwadi lweMveli oluya kufundwa ngo-2017 kuLwimi lweeNkobe lwesiNtu lwaseburhulumenteni ngalunye.

14. **IsiHlomelo F (ikhasi 41-43)** siqulathe uluhlu lwezikolo zeeLwimi zeSibini ezoNgezelelweyo.

IiLwimi zeSibini ezoNgezelelweyo zaseBurhulumenteni (*SAL*)

15. Lo gama iiNkcazelo zoMgaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo (*Curriculum and Assessment Policy Statements*) (*CAPS*)) imisela ukuqalisa ukusetyenziswa kweentlobo zoncwadi ezine, ezizezi, isihobe, inoveli, idrama kunye namabalana amafutshane, kwiPhepha lokuQala le-*SAL*, inkqubo yokukhetha izihloko ayikwazanga ukukhetha uluhlu olupheleleyo lwezihloko ezifanelekileyo kwii-*SAL* ezininzi.

16. Ngenxa yesi sizathu, iiLwimi zeSibini ezoNgezelelweyo (*Second Additional Languages*) (*SALs*)) ziya kunika izihloko ezifumanekayo kwi-*Literature Catalogue* ukulungiselela iimviwo zika-Oktobha/Novemba 2017 neemviwo ze*NSC* zangoFebruwari/Matshi 2018. Kwimeko apho kungekho zihloko zitsha, ii-*SAL* ezichaphazelekayo ziya kuqhubeka ngokunika kuphela amaBali amaFutshane kwiimviwo ze*NSC* zika-Oktobha/Novemba 2017 nakwiimviwo zangoFebruwari/Matshi 2018. Kwimeko apho kukho izihloko ezitsha, ezi ziya kuqaliswa ukongezelela kumaBalana amaFutshane akhoyo, ngokungaphandle kwe-*SAL* yesiXhosa.

17. Kutyunjwe izihloko ezitsha kwezi lwimi zilandelayo neziya kuqalisa ukusetyenziswa kwiimviwo zika-Oktobha/Novemba 2017 nakwiimviwo zangoFebruwari/Matshi 2018. Khangela amakhasi 41 ukuya kwele-43 ukufumana ilisti yezihloko.
    - Izihloko ze-*SAL* kunye neze-*SAL* yeSiswati zeengqokelela ezintsha zamabalana amafutshane sezityunjiwe
    - Kwi-*SAL* yesiAfrikansi, kutyunjwe isihloko sedrama esitsha
    - Kwi-*SAL* yesiNgesi, kutyunjwe inoveli, idrama nengqokelela yesihobe
    - Kwi-*SAL* yesiXhosa, kutyunjwe izihloko ezitsha zenoveli nedrama
    - Kwi-*SAL* yesiTswana, kutyunjwe isihloko senoveli esitsha.

18. Kucelwa ngoko nangoko wazise okukule ingcaciso emfutshane bonke abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-01-10